## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
   | ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
   | ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube mNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/flowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe phambi kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A. Imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    - ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esingama-260 – 300 amagama.
    - ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80 – 100 lamagama [umxholo kuphela]
    - ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60 – 80 amagama [umxholo kuphela]

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-260 ukuya kuma-300. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

1.1 Oko ndingazange ndife ngaloo mini ndiyayibulela iNkosi. **[50]**

1.2 Uthando. **[50]**

1.3 Bagcinwe okanye bangagcinwa ezikolweni abantwana abaphatha kakubi abanye. **[50]**

1.4 Ukubaluleka kwezakhono ekukhuliseni uqoqosho lwelizwe. **[50]**

1.5 Ingaba kulungile na ukuba abaqhubi baqhube besebenzisa iiselula-fowuni? **[50]**

1.6 Eyona holide endayonwabelayo. **[50]**

1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. Sinike isihloko isincoko eso.

1.7.1



[Ithathwe kwi-intanethi ku*News 24*] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80 – 100 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo. Khumbula ukuYILA.

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Fundisisa esi sibhengezo singezantsi somsebenzi uze ubhale ileta yesicelo salo msebenzi.

**UMSEBENZI**

**SIFUNA INJINELI ENAMAVA APHESHEYA KOLWANDLE**

**UMZI WENJINELI WAKWAVUMZA**

**Ukhangela injineli enesidanga se-BSC nangaphezulu kwicandelo lokulawula ezokwakha, amava okusebenza phesheya kolwandle nokuphatha iiprojekhthi ezinkulu.**
**Kwakhona umntu lowo makabe unaso isiqinisekiso sokubhalisa kwaRICS.**

**UKUBA UNOMDLA**

**Thumela ileta yesicelo sakho kule dilesi: VUMZA ENGINEERS**
**P.O. Box 234**
**Sandton**
**2000**

**[30]**

2.2 **INGXELO**

Ningabafundi bebanga leshumi elinesibini benikhutshwe sisikolo natyelela kweyona ndawo intle eMzantsi Afrika. Bhala ingxelo malunga nohambo olo lwenu beniluthabathile. **[30]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhalela iphephandaba lengingqi yakho inqaku ngomba othe wakuchukumisa kwindawo ohlala kuyo. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI/IDAYALOGU**

Kusemdlalweni wombhoxo wamaqela esizwe, kudibana abahlobo ekudala begqibelene bancokola ngeqela eliza kuphumelela umdlalo. Ngulowo uthethelela elakhe. Baveze bexoxa abahlobo abo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube mNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60 – 80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Uvule ivenkile yeziqholo zomzimba, yenza isibhengezo-ntengiso ngeziqholo ezifumaneka kwivenkile yakho.



[Ithathwe kwi-intanethi] **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Ququzelela ikhonsathi yeemvumi ezaziwayo eza kubanjelwa kwibala lebhola iMoses Mabhida eThekwini. Bhala kwidayari yakho ngeentsuku eziNTLANU ngezinto oza kuzenza phambi kokuba ibe lusuku lwale khonsathi. **[20]**

3.3 **UMYALELO**

Ungukhapteni weqela lakho lomdlalo(nokuba yintenetya, umbhoxo, iimbaleki njalo-njalo) niza kuba nokhuphiswano nesinye isikolo. Yalela iqela lakho ngendlela eniza kudlala ngayo kolo khuphiswano. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**